



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

EXEMPLAR 2009

AMANQAKU: 80

IXESHA: $2\frac{1}{2}$ iiyure

Olu viwo lunamapheda ali-17.

IMIYALELO

Nceda ufunde le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

1. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha.
2. Jonga kwisiqulatho esikwiphepha elilandelayo ukuze ukhethe kwizinto ozifundisiweyo kulo nyaka.
3. Eli phepha linamacandelo amathathu:
 ICANDELO A: Isihobe (30)
 ICANDELO B: Inoveli (25)
 ICANDELO C: Idrama (25)
4. Funda imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.
5. Kulindeleke ukuba uphendule imibuzo emiHLANU iyonke:
 Imibuzo emi-3 kwicandelo A; om-1 kwicandelo B nom-1 kwicandelo C.
6. Sebenzisa itshekhlisti ukukunceda.
7. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela enonjolwe ngayo imibuzo.
8. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
10. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:
 ICANDELO A: Imizuzu ekuma-40
 ICANDELO B: Imizuzu ekuma-55
 ICANDELO C: Imizuzu ekuma-55

Iphepha lesiqulatho:

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE		
<i>Imibongo echongiweyo: Phendula NAYIPHI imibuzo emiBINI.</i>		
INANI LOMBUZO.	UMBUZO	AMANQAKU
1 (Isihloko sombongo)	Umbuzo omde	10
OKANYE		
2 (Isihloko sombongo)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10
OKANYE		
3 (Isihloko sombongo)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10
OKANYE		
4 (Isihloko sombongo)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10
KUNYE		
<i>Umbongo ongachongwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE.</i>		
5 (Isihloko sombongo)	Umbuzo omde	10
OKANYE		
6 (Isihloko sombongo)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10
ICANDELO B: INOVELI		
<i>Phendula umbuzo omNYE.*</i>		
7 (INoveli 1 isihloko)	Umbuzo omde	25
OKANYE		
8 (INoveli 1 isihloko)	Umbuzo onemibuzo emifutshane	25
OKANYE		
9 (INoveli 2 isihloko)	Umbuzo omde	25
OKANYE		
10 (INoveli 2 isihloko)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25
OKANYE		
11 (INoveli 3 isihloko)	Umbuzo omde	25
OKANYE		
12 (INoveli 3 isihloko)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25
ICANDELO C: UMDLALO		
<i>Phendula umbuzo ube mNYE.*</i>		
13 (Umdlalo 1 isihloko)	Umbuzo omde	25
OKANYE		
14 (Umdlalo 1 isihloko)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25
OKANYE		
15 (Umdlalo 2 isihloko)	Umbuzo omde	25
OKANYE		
16 (Umdlalo 2 isihloko)	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25

*QAPHELA: Kumacandelo B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo ONEMIBUZWANA EMIFUTSHANE OMNYE .

Uluhlu lokukhangela:

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luuhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EMAYIPHENDULWE	X PHAWULA
A: Isihobe (Imibongo echongiweyo)	1 – 4	2	
A: Isihobe (Umbongo ongachongwanga)	5 – 6	1	
B: INoveli (Isincoko OKANYE Imibuzo emifutshane)	7 – 12	1	
C: Umdlalo (Isincoko OKANYE Imibuzo emifutshane)	13 – 16	1	
QAPHELA: KumaCandelo B no-C, phendula OMDE OMNYE nombuzo ONEMIBUZWANA EMIFUTSHANE OMNYE.			

ICANDELO A: ISIHOBE**IMIYALELO**

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo ezi**NE** ozifundileyo nezi**BINI** ongazifundiswanga.

Umlingwa ulindeleke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo **nayiphi/naziphi** na imibongo/izibongo ozifundisiwego; **KUNYE** nombuzo omnye ongafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga **KUNYANZELEKILE** ukuba uwuphendule.

UMBUZO 1**ISIYOBISI: IV MTAMZELI**

Fundisia lo mhobe wandule ucazulule ucacise intsingiselo, udandalazise indlela ulwimi olusetyenziswe ngayo ukupuhhlisa umxholo walo mhobe.

ISIYOBISI

Ngumkhwa ombi obhexeshwa lubaxo;
Ukhuba weenkan'othis'imbanxo.
Uqalwa kancinci kanti ngumlibe,
Uyoba ntlandlolo sikutsho ujube.
Iyolisa-mxhelo kub'iqalwa ngendlalo.
Ubong'abazal'abakuzisakule ndalo.

Kumnandi kunjalo kuba siyakhuthaza.
Siyole luncuthu nangona sikhuthaza.
Asizi simahla sigrumb'engxoweni.
Siwutheze nomzi kunga kusenxiweni.
Singaye akabonibubi kuba seletyile.
Benjenjalw'emyezweni kanti bazityhilile.
Sisiyobisi eso ikhwekhwe ndikrwempe.

Butywala ke obo buza noyayatheko.
Ngundoqo womya odal'isiqhazolo,
Isif'esibangwa kukuthabatheka,
Sikutyhulubis'uhamb'ubetheka.
Kube lisikizi kwaneentsizana.
Kube linyumnyezi lenz'amamunyumenye.
Ngengoms'uyaxox'awazi nob'ibenye.

Yini na mzi kaNtu, kufunzelwe phi?
Asazi na yintlonopho leyo kwaXhosa?
Eziselwayo liyeza kwabadal'emaXhoseni.
Eziqhumm'ingca ligwada lentloko kubaThwa.
Bazixuba njani na mawethu abasemzini?
Ichitheke phi na mzi kaNtu ingath'ifun'ukubuthwa nje?

[10]

OKANYE

UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Fundiswa lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UKUTSHONA KUKAMENDI: SEK MQHAYI

Ewe, le nto kakade yinto yaloo nto-
 Thina nto zaziyo asothukanga nto!
 Sibona kamhlophe, sithi bekumelwe;
 Sitheth'engqondweni sithi kufanelwe.
 Xa bekungenjalo bekungayi kulunga,
 Ngoko ke, SoTase! Kwaqal'ukulunga!
 Le nqanaw'uMendi namhla yendisile,
 Nal'igazi lethu lisikhonzisile!

8

Anisithumanga ngazo izicengo;
 Anisithenganga ngayo imibengo.
 Bekunganzozo zimakhwezi-khwezi-
 Bekungengandyebo zingangeenkwenkwezi-
 Sikwatsho nakuni, bafel'eAfrika,
 KwelaseJamani yaseMpumalanga-
 Bekungembek'eninayo kuKumkani,
 Bekungentobeko yenu kwiBritani.

16

Mhla nashiy'ikhaya sithethile nani,
 Mhla nashiy'iintsapho salathile kuni,
 Mhla sabamb'izandla, mhla kwamanz'amehlo,
 Mhla balil'oonyoko, bangqukrulek'ooiyihlo;
 Mhla nazishiy'ezi ntaba zakowenu,
 Nayinikel'imiva imilamb'ezwe lenu,
 Asitshongo na kuni, midak'akowethu
 Ukuthi, "Kwelo zwe nilidini lethu!"?

24

- | | | |
|-----|--|-----|
| 2.1 | Yintoni injongo yembongi ngalo mhobe? | (1) |
| 2.2 | Luhlobo lini lomhobe olu? | (1) |
| 2.3 | Nika umxholo walo mhobe. | (1) |
| 2.4 | Cacisa intsingiselo ephuhliswa yile migca:

'Le nqanaw' uMendi namhla yendisile
Nal' igazi lethu lisikhonzisile !'.

 | (2) |
| 2.5 | Chaza isimo semvakalelo yomphefumlo soluntu mhla la madoda enduluka
eshiya amakhaya neentsapho zawo. | (1) |
| 2.6 | Bonisa ngonobumba ukuba imvano-siphelo yakhiwe njani kwisitanza
sokuqala nesesibini. | (1) |

- 2.7 Yitsho umsebenzi wale mfano-zandi:
**'Sibona kamhlophe ,sithi bekumelwe
 Sitheth'engqondweni,sithi kufanelwe'** (1)
- 2.8 Nika intsingiselo ephuhliswa leli qhalo :
'Akuhlanga lungehlanga' (1)
- 2.9 Ixabiso lokwakha ubuhlobo phakathi koMzantsi –Afrika neBritani laliphezulu.
 Xhasa le mbono ngokomxholo walo mbongo. (1)
[10]

OKANYE**UMBUZO 3****OKO BENDINGUMNTWANA: GV MONA**

Fundisia lo mhobe uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ndilungcmle ulonwabo,
 Ndawaxhamla namathub'amnandi.
 Ndiyolile kwiziyunguma,
 Ndonwabile ke khona,
 Oko bindingumtwana.

5

Ndingumqabaqaba ndiqakatha,
 Ndiphefumla impepho ecocekileyo.
 Intliziyo ibethe ngesinqikazi,
 Igazi limpompoza emithanjeni,
 Lo mzimba unamndl'amakhulu,
 Lo mzimba uzele bubomi
 Oko bindingumtwana

12

Ubawo ubekho,
 Ubawokazi ubekho,kanti nomakazi ebekho,
 Abantakwethu bebekho,ngokunjalo nabakwethu,
 Ndizive ndikhuselw,ndizive ndikhuselekile.
 Ngenene asibangakho isoyikiso,
 Oko bindingumtwana

18

Andazanga lutho ngeengozi nobunzima,
 Andazanga lutho ngobuhlwempu neenkwaleko,
 Andazanga lutho ngeenzingo neembandezelo.
 Konke oko bekungena ntsingiselo,
 Oko bindingumtwana.

23

- 3.1 Chaza ukuba umbhali ubonwabele njani ubuntwana bakhe (1)
- 3.2 Umbhali sicinga ukuba selekhulile ngoku. Kutheni sicinga njalo? (1)

- 3.3 Yitsho ukuba **yinyani** okanye **bubuxoki** uze uxhase impendulo oyinikileyo ngokucaphula kumhobe lo:
 'Umbhali ukhulele phakathi kobushushu bothando lwabazali nezihlobo. (2)
- 3.4 Yintoni umsebenzi wemvano-siqalo phaya kwisitanza sesibini kumqolo wokuqala nowesibini? (1)
- 3.5 Umbhali uncoma ubumnandi bokuba ngumntwana. Yitsho into ibe nye ayithandileyo esengumntwana. (1)
- 3.6 Yintoni injongo yombhali ngokusebenzisa uphinda-phindo lo mqolo, 'oko bendingumntwana' kwisitanza ngasinye? (2)
- 3.7 Ingaba wena ubonwabele obakho ubuntwana? Cacisa kuvakale ngempendulo oyinikileyo. (1)
- 3.8 Myalezo mni ugqithiswa ngumbhali kulo mhobe? (1)
[10]

OKANYE**UMBUZO 4**

Fundisia esi sibongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Yinkcalankcala inkunz'aseGwali,
 Umjezula kakuhle gqitha ngeliso,
 Ngomlomo le nkunz'iyabhodla,
 Ibhodl'iintshwembenza zamagama,
 Itshe ngezibhebhewula uncuthu. 5
 Ciko lokuncokola, ciko lokuvuma-
 Mv'evum'engaziway'ingoma.
 Nkunz'enomcondo yaseGwali-
 Mabandl'akuloPhuthise nivile na?
 Nditshe kuni mabandl'aseGwali. 10
 MaGwal'akuloPhuthise nibonile na
 Ukusombuluka kwenamba kowayo?
 Isilo esimzila ubonwa koomaFort Hare-
 KoomaKapa koomaRowudzi siboniwe.

- 4.1 Ingaba ucatshulwe kusiphi isibongo lo mbongo? (1)
- 4.2 Njengazo zonke izibongo, esi sibongo sinazo iimpawu eziqaqambileyo zesibongo. Nyula ke wena umqolo/igama elibonisa uphawu ngalunye kwezi zilandelayo:
- 4.2.1 Ukuchazwa kwalowo ubongwayo ngokwenkangeleko yangaphandle. (1)

- | | | |
|-------|--|--------------------|
| 4.2.2 | Ukusetyenziswa kwamagama antsokothileyo. | (1) |
| 4.2.3 | Ukunxulunyaniswa kwalowo ubongwayo, ingakumbi inkosi, nezilo /nezilwanyana. | (1) |
| 4.2.4 | Ukusetyenziswa kophinda-phindo. | (1) |
| 4.2.5 | Ukusetyenziswa kwemibuzo-buciko. | (1) |
| 4.3 | Ziziphi iiyunivesthi ezintathu, ezikhankanhewyo kulo mhloMlo, apha lo ubongwayo ekhe wabonwa kuzo? | (3) |
| 4.4 | Caphula umgca apha kulo mhloMlo obonisa ukuba lo ubongwayo ebeliciko lokuthetha kanti nasengomeni ebetshatshele. | (1)
[10] |

KUNYE**UMBUZO 5**

Fundisia lo mbongo ulandelayo uze uqamele/uchankcathe ngezikrweqe ezisetyenziswe yimbongi ukubonisa indlela ewupuhhlise ngayo umxholo wayo.

OKUHLE

Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,
Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.
Yayisingcutha isilungu ingaqhelisi,
Iwadlakaza amanani njengesiNgesi.

Yazixaka iititshala zaphoselana ngayo,
Kwakuthi kukhululwe ngezayo.
Yaba yiminyakana idudulela phambili,
Bothuka bonke bajonga phambili.

Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,
Waphela umzi yavungama ilali.
Yaba mbalwana yabhavumlela kude,
Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.

Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngehagu,
Yabila ingqondo yona okweyegagu.
Lancama ixhego lathi liyazinikela,
Likhuela ikhehlekazi evasini lizincamela.

Labuya litaka izimanga lakukhohlela,
Nakwikhehlekazi kukubi lizitotobela.
Naxa kunjalobathi kumelwe agqibe,
Wasebenza naye wabhitya nemilebe.

Qondo le-B.A. walixway'emhlana,
Ngqondo yakhe zange izigwagwise.
Lachach'ixhego nexhegwazana,
Khanyisamzi babone kudana.

[10]

OKANYE**UMBUZO 6**

Fundisia lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

INDLAMANZI

Niyamazi na umfo onxanwayo?
Thulani mna ndonixeleta :
Imilenze yakhe ilishumi,
Imilebe yakhe isixhenxe.
Amehlo waona atyebile, 5
Lincoko Nantsi alicelwa,
Sisilumko kwedini asilindi,
Izidenge kwedini uyazi.
Izibalo zezakhe kuphela,
IsiNgesi savunywa naliNgesi. 10
Ububele bakhe yindlezane
Umsindo wakhe yingonyama.
Izimvo zakhe yintlabathi,
Ulwazi lwakhe yintlabathi
Ulwazi lwakhe lumbaxa. 15
Akubila amanzi esiswini,
Enyuka adudule ubuchopho.
Wona udududeke ungevani.
Zikhona iinkabi ezinzima ,
Zivavanya wena kaninzi-ninzi. 20
Ziculise izixwexwe ,zamagama,
Ugqibebe ngoBRITISH CONSTITUTION.

- | | | |
|-----|--|-----|
| 6.1 | Ingaba imbongi izama ukupuhlisa siph iisikrweqe okanye isagwelo esiyolisa umbongo xa ilandeelanisa ugqithiso kwimigca 11,12 no-13? | (1) |
| 6.2 | Caphula umgca obonisa umbuzo-buciko. | (1) |
| 6.3 | Ucinga ukuba ithetha ukuthini imbongi ngendlamanzi kumgca wesi-3 nowe-4? | (2) |
| 6.4 | Imbongi isebezisa ubuchule obuthile xa isithi, "Thulani... kumgca wesi-2. Ingaba yintoni injongo yayo? | (1) |
| 6.5 | Xela izinto zibe mbini ebonwa ngayo indlamanzi ekhe yakroba kumnyango wesikolo? | (2) |

- 6.6 Chonga umgca onesikweko esisihlonipho kulo mbongo. (1)
- 6.7 Ukulandelelana kweziganeko ukusuka kumgca we-15 ukuya kowe-18 kutolika ntoni malunga nale ndlamanzi? (1)
- 6.8 Ingaba imfanzandi yezenzi esetyenziswe kumigca, we-15 nowe-18 isinika umfanekiso –ntelekelelo wantoni? (1)
[10]

QINISEKISA ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli cadelo.

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: IINOVELI

IMIYALELO

Kweli cadelo kubuzwe iinoveli ezimbini.

Khetha imibuzo kwinoveli **oyifundisiwego**.

Kwinoveli NGANYE kubuzwe imibuzo emi**BINI**, **OMDE NOMBUZO ONEMIBUZWANA EMIFUTSHANE**. Ukususela kumbuzo 7 ukuya kumbuzo 10.

Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo **OMDE** kwinoveli ayifundisiwego; **kunyanzelekile** ukuba akhethe umbuzo onemibuzwana emifutshane **kwicandelo C**. Ukuba ukhethe umbuzo onemibuzwana emifutshane kwicandelo **B** (kwinoveli) **kunyanzelekile** ukuba akhethe umbuzo **OMDE** kwicandelo **C**.

Ubude bombuzo OMDE buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 7

NYANA WAM NYANA WAM: WK TAMSANQA

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule umbuzo.

Makhe sililandele eli bali lalo chwenene womfundisi ukuba lisuka phi na.

Ingaba wazalwa engumfundisi na? Impendulo ithi "Hayi"

Ukuza kufika kweli nqanaba akulo ibe yimigudu namahla-ndinyuke.

Beka kucace ngemicel'imingeni ahlangabezene nayo ukuze abe ngulo mpondozihlanjiwe womfundisi anguye, uvelele nendlela athe umbhali wamzoba ngayo ukupuhhlisa umxholo wencwadi ongethemba.

[25]

OKANYE

UMBUZO 8**NYANA WAM NYANA WAM: WK TAMSANQA**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.
 "Nkosi ukuba ndingaphuncula kula makhamandela ndizibone ndingosindileyo, inkulu into endingakwenzela yona, igama laKho ndingalibonga njalo."

- 8.1 Ngubani lo uthetha la mazwi ethetha nabani? (2)
- 8.2 Cacisa ukuba kutheni esi sithethi sisenza lo mthandazo umfutshane Kodwa unentsingiselo enzulu? (3)
- 8.3 Baphi abazali beli tyendyana livakala lisebunzimeni nje? (2)
- 8.4 Yitsho ukuba YINYANI okanye BUBUXOKI
- 8.4.1 Ngelixa lokwenza lo mthandazo wayephantsi kweempembelelo Zeenyembezi zikaVitoliya.
 - 8.4.2 Wayecinaniselwe zizikrelemnqa ezazifuna ukumbulala. (2)
- 8.5 Ingaba isithethi saziva njani saziva njani sakuxelawa ngendlela esiza Kubulawa ngayo? (2)
- 8.6 UmDali wethu uayiva imithandazo yethu? Ngqina oku uqamele ngokwenzekayo ukuze sisinde isithethi sisinde kwizikrelemnqa. (3)
- 8.7 Isithethi sasizalisekisa isithembiso esasenzayo kumDali waso. Xela lindlela asizalisekise ngazo esi sithembiso. (3)
- 8.8 La mazwi athi, NYANA WAM, NYANA WAM! ngamazwi abonisa uthando lomzali kunyana. Chaza intsusa yokusetyenziswa kwawo ngabantu abahlukeneoyo apha ebalini. (5)
- 8.9 Chaza indlela abalubonisa ngayo uvuyo lwabo aba balandelayo xa bebonana nonyana wabo owayesele efana nonyana wolahleko kubo, Ubaw'uMkwayi noFikizolo. (3)
- [25]

OKANYE

UKHOZI OLUMAPHIKO: N SAULE**UMBUZO 9**

- 9.1 Kule noveli abantu bakwaQaka bavezwa bengahloniphani bekwacalulana ngobuhlanga. Nyathela kwiziganeko zibe zi-5 ukuxhasa impendulo yakho. (10)
- 9.2 Oyena mlinganiswa udlala indima ephambili kule ncwadi nguMfazwe. Uyalungqina olu luvo? Xoxa ngeengongoma zibe si -7 uzixhase nge ganeko ezifumaneka ebalini. (15)
[25]

UMBUZO 10**UKHOZI OLUMAPHIKO NGU : N SAULE**

- 10.1 **Emva kokufunda lo mhlovlo phendula ngocoselelo imibuzo esekwe kuwo.**

UMHLOMLO 1

Mna ndandizenzela umsebenzi wam ndingahoyanga mntu, ndizithandela UZO qha. Indawo yam endazalelwya kuyo iBholo idibene noQaka,inazo zonke iindidi zabantu, izilumki nezidenge, abantliziyo zimbi nabantliziyo zintle, amakholwa aakhohlwe ncarnababo bade bamunce iintupha besithi baya kulubeka eccaweni mini kwathiwa nanku unyana kaThixo ebonwa esihla esikhululweni sikaloliwe eBholo, babekho abahluthayo kodwa uninzi lulamba, zazikho kwanezikrelemnqa ezazingakungcwabauhleli, kanti ke babekho nabadali boxolo, akukho nto yayisilela kwezentlalo yabantu ezasesilungwini nezasesiXhoseni. Lilonke kwakukwazikhethelle.

- 10.1.1 La mazwi alo mhlovlo ampompoza kumlomo kabani? (1)
- 10.1.2 Sasisebenza msebenzi mni isithethi osibhale ku-10.1? (1)
- 10.1.3 Ngubani uZo igama lakhe elipheleleyo? (1)
- 10.1.4 Yintoni eyayilikhonkco lonxibelewano phakathi kwesithethi noZO? (1)
- 10.1.5 Emva kokufunda lo mhlovlo ungathi abantu baseBholo bamanyene okanye abamanyananga? (1)
- 10.1.6 Caphula izinto zibe MBINI kulo mhlovlo ezixhasa impendulo yakho ku-10.5. (2)
- 10.1.7 Xela igama likamama kaZo . (1)
- 10.1.8 Wayesebenza msebenzi mni uZo? (1)

- 10.1.9 Xa ujunge intlalo yabantu baseBholo, ngcebiso zini ezimbini onokubanika zona ukuze baphile ubomi obungcono? (4)
- 10.1.10 Luthini uluvo Iwakho xa kusithiya indawo yakwaBholo kukwazikhethelo? (2)
- 10.1.11 Luthini ulwazi Iwakho ngegama lenkolo yabantu abakholelwa kuNyana kaThixo? (1)
- 10.2 Funda lo mhloMlo uLandelayo wandule uphendule imibuzo elandelayo
- Iziqhu zabantu eziphuma kwiinkonzo zokukhumbula igorha uKK zawukhuphela umsindo kuyo yonke into ebizwa ngorhulumente okanye enxulumene namagwangqa. Abantu abahanba ngeenqwelo zasemisebenzini, baba ngamaxhoba okuqala. Ezoo nwelo zafakwa umlilo. iFundu isikolo samekwakusekuthiwa sivaliwe kakade, kwavukwa ngenye imini siluthuthu. Amapolisa ahlala ezilokishini wona neentsapho zavo asinda ngokulambisa ukuba angatshiselwa ezindlwini zavo. Abaleka abhaca akaziwa nalapho ayokutshona khona. Zavakala mva ezokuba agcinwe ngoowabo.
- 10.2.1 Ngubani igama elipheleleyo likaKK? (1)
- 10.2.2 Wabulawa yintoni uKK? (1)
- 10.2.3 Chonga kulo mhloMlo izinto zibe mbini ezibonisa ukuba lencwadi ngeli xesha sele kukho umfutho waseNtshona eMzantsi Afrika. (1)
- 10.2.4 Nyula ibinzana kula alandelayo elibonisa ukuba kule ndawo kwakungquzulwana ngobuhlanga. Iziqhu zawukhuphela umsindo kuyo yonke into:
- (a) enxulumene nemidaka
 - (b) enxulumene namagwangqa
 - (c) enxulumene namapolisa
- (2)
- 10.2.5 Ngokweembono zakho mfundu, ingaba ukhuseleko lubonakala lukho ngokwaneleyo kule ndawo? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula kumhloMlo. (3)
- 10.2.6 Kuthethwa ukuthini xa kusithiya isikolo iFundu kwavukwa siluthuthu? (1)
- [25]**

QINISEKA ukuba uphendule umbuzo omNYE kweli candelo.

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO YECANDELO C**

Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama **ezimbini**, ukususela kumbuzo **11** ukuya kumbuzo **14**.

Kwidrama nga**NYE** kubuzwe imibuzo emibini; **omde** kunye **nonemibuzwana emifutshane**.

Khetha umbuzo ube **mnye** kwidrama **oyifundisiweyo**.

KHUMBULA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo onemibuzwana emifutshane kwicandelo B; **UNYANZELEKILE** ukuba akhethe umbuzo **omde** kwicandelo C.

Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo **omde** kwicandelo B;

UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo onemibuzwana emifutshane kwicandelo C.

Ubude bombuzo **omde** buphakathi kwama-**340** nama-**390** amagama.

UMBUZO 11**AMAZA: QANGULE ZS**

Umtshato ongenaluthando Iwabatshati awudli ngokuba mnandi kudla ngokwaphuka izikeyi, maxa wambi kwahlukwane sele kukubi kakhulu, okanye kubulewene.

Ngqina oku ungqiyame ngomtshato kaZodwa noLizo uthathela apho uLizo agxeka uZodwa ngobuxelegu uye kuthi ga apho adubula uZodwa eba umosele.

[25]

OKANYE**UMBUZO 12**

Funda lo mhlo mlo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Welisile: Ngubani yena lo mfana?

MaNdaba: Ngumfana kaVaxa, uLizo.

Welisile: Ngowaphi?

MaNdaba: Ngowaphaya emMangweni,
Ufika ngeempela-veki, usebenza eBhayi.

Phathumzi: Oo! Ndiyamazi, asingomntu lowo!
Unolwantsaka Iwabantwana kule lali.

Yenzeka njani into yokuza kwalo mfana
Ekhona uMaNdaba noCirha lo?

Welisile: Yiyike loo nto mfo wethu

Inkawu ethanda umbona

Iyangena entsimini inabalindi!

Phathumzi: Uyiyeke Cirha idllise ngesikhwebu?
Ungabisathi makuphunywe ingqina?

Welisile: Akanasimilo kanene lo mntwana!

MaNdaba: Mna ndixhasa ulovo lokuba amangalelwwe lo mfana.

- 12.1 Ngenene unyanisile uPhathumzi xa athi uLizo Vaxa asingomntu. Ngaphandle kokuba nolwantsaka lwabantwana kule lali sikho isiganeko abonise ukungabi ngumntu kwakhe.
Kha ucaphule apha kulo mdlalo ubonise oko, ubonise iziganeko ezi-3. (3)
- 12.2 Yintoni ebangela ukuba uNamhla atshate noSidima? (2)
- 12.3 Yintoni ebangele ukuba uZodwa atshate noLizo? (2)
- 12.4 Ulwantsaka luthetha
- (a) Abantwana abazizilima
 - (b) Abantwana abangenabazali
 - (c) Abantwana abaninzi
- (2)
- 12.5 Yenza iqhalo elixela umntu ozithethelela ngento engekhoyo nge "nkawu" (2)
- 12.6 Xela indima edlalwa ngaba balinganiswa balandelayo ukuqhubela phambili ibali.
- (a) USilumko
 - (b) UZazile
 - (c) UDamile
 - (d) USidima
 - (e) UVathiswa
- (2x5)
- 12.7 Ngaphandle kokuvuka nje ahlambe, atye emva koko agqibe ilali, zikho ezingafanelekanga azenzayo uZodwa. Xela zibe-4. (4)
- [25]**

OKANYE**UMBUZO 13****A-A-A JONGUMSOBOMVU: BB MKONTO**

Khawucazulule impixano ezotywe ngumbhali wale ncwadi.

[25]

UMBUZO 14**A-A-A JONGUMSOBOMVU: BB MKONTO**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

SOMEREST: Mus' ukungxama Sajini, izinto zisangcambaza kuhle. Kaloku khumbula ukuba uyise kaMaqoma nguNgqika Iowa, umfo othandwayo yiKumkani kunye neRhuluneli yeli. Singawutya umsebenzi nje ukuba simthi cha. Le yokungena ngesinyokotho kulaa mmango ibabhidile nabo abasemagunyeni.

- | | | |
|------|---|-----|
| 14.1 | Ngowuphi lo mmango wangena kuwo ngenkani okaMaqoma? | (2) |
| 14.2 | Buyintoni ubudlelwane phakathi koMaqoma noNgqika? | (1) |
| 14.3 | Lo Sajini unqwanqwadwa nguSomerest wayefuna ukwenza ntoni? | (2) |
| 14.4 | Kungasizathu sini esibangela ukuba uNgqika athandwe nguRhuluneli? | (2) |
| 14.5 | Kungani abasemagunyeni bangamthatheli amanyathelo uMaqoma? | (2) |
| 14.6 | Unazimbono zini uSomerest ngobuKholoneli bakhe? | (6) |
| 14.7 | Ngubani lo wayengafuni ukunyathela iimbono zakhe uSomerest? | (2) |
| 14.8 | Olu krutha-kruthwano luvela phi? | (6) |
| 14.9 | USomerest uxoxa nabani apha? | (2) |
- [25]**

QINISEKISA ukuba uphendule umbuzo OMNYE kweli cadelo.

AMANQAKU ECANDELO C: **25**

AMANQAKU EWONKE: **80**